Isifundo 6

** Agasti 1–7*

Okunokwenzeka Okungenamda

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
1 Kor. 12:12, Mat. 3:16–18, 1 Kor. 12:7, 1 Kor. 1:4–9, Mat. 25:14–30.

Indima Yenkumbulo:
"Zonke ke ezo zinto zisetyenziswa kwangaloo Moya mnye; umabela elowo ngokwakhe njengoko athandayo" (1 Korinte 12:11).

UThixo usibezele ukuba size kungqina ngaYe. (IZenzo 1:8, Isa. 43:10). Ukungqina akusiso isipho esikhethekileyo esinikwe kuphela ibathwana elikhethiweyo. Ukungqina lubizo lwezulu lomKristu ngamnye. IBhayibhile isebenzisa iintetho ezahlukeneyo ukuchaza ubizo lwethu phambi kukaThixo. Kufuneka ukuba sibe "kukukhanya kwehlabathi," "izigidimi zikaKristu," ne"sibingeleli esibukumkani" (Mat. 5:14, 2 Kor. 5:20, 1 Pet. 2:9). kwaYena lo Thixo osibizele ukungqina nomsebenzi usixhobisele umsebenzi. Ulinika ikholwa ngalinye izipho zikaMoya. Akabizi abasele beqeqeshekile, kodwa uqeqesha abo ababizileyo. Kanye njengoko anika usindiso ngesisa kubo bonke abakholwayo, ukwabanika izipho zaKhe ngesisa.

Xa sizinikela kuThixo size sinikele ubomi bethu ekumsebenzeleni, okunokwenzeka ekumsebenzeleni akupheli ndawo. "Akukho mda ekubeni lulutho kulowo uthi, embeke nxamnye umna, avule indawo yokusebenza kukaMoya Oyingcwele entliziyweni yakhe, aze aphile ubomi obunikelwe bonke ngokupheleleyo kuThixo."—Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, p. 159. Kwesi sifundo sale veki, siza kufunda ngokunokwenzeka ngokungenamda emsebenzini ngesipho sikaMoya Oyingcwele.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 8.*

Izipho Ezingafaniyo: Ubunye Emsebenzini

Wakha wayicinga indlela ababengafani ngayo abafundi omnye nomnye? Iimvelaphi zabo, ubuqu babo, izimo zabo, nezipho ezahlukene kakhulu. Sekunjalo, konke oku kwakungeyiyo inkathazo ebandleni. Kwakungamandla. UMateyu, umbuthi werhafu, wayefanelekile, ethe nqo, enocoselelo, engaphazami. Kwelinye icala, uPetros wayengxama ukuthetha, enentshiseko, enguphuma -silwe, kodwa wayekwanaso nesakhono semvelo sobunkokeli. UYohane wayenentliziyo enovelwano kodwa ekwathetha phandle. UAndreya wayengumntu wabantu, ekuqaphela kakhulu okumngqongileyo, echukumiseka ngabanye. UTomas yena ngokwemvelo wayekekelele ekubuzeni, esoloko ethandabuza. Umfundi ngamnye kwaba, nangona enobuntu obahlukileyo nezipho ezikwanjalo, wasetyenziswa ngamandla nguThixo ekungqineni ngaYe.

Funda: 1 Korinte 12:12, 13, 18–22. Yintoni esiyifumanayo kwezi ndawo ngokudingeka kwabantu abanezipho ezahlukeneyo emzimbeni kaKristu olibandla?

_____

_____

UThixo uyavuyiswa kukuthabatha abantu abaneemvelaphi ezahlukeneyo beneetalente nezakhono ezahlukeneyo aze abanike izipho zokusebenza. Umzimba kaKristu awulilo iqela labantu abenziwe bafana bonke. Alingumbutho wesizwe obantu bawo banemvelaphi enye abacinga into enye. Liyintshukumo ekhulayo yabantu abanezipho ezahlukeneyo, abamanyene ekuthandeni kwabo uKristu nesiBhalo, abazinikele ekuseni uthando nenyaniso ehlabathini (Roma 12:4, 1 Kor. 12:12). Amalungu omzimba kaKristu anezipho ezahlukeneyo, kodwa ilelo lixabisekile; ilelo linendawo ekusebenzeni ngokuphilileyo komzimba kaKristu. Kanye njengoko amehlo, iindlebe, nempumlo zinemisebenzi eyahlukeneyo kodwa zifuneka emzimbeni, zonke izipho ziyafuneka, nazo (1 Kor. 12:21, 22).

Ukuba uthi uwuqaphele kakuhle umzimba womntu, nawona malungu mancinane anendawo ebalulekileyo ayidlalayo. Khangela imisebe. Bekuya kubanjani xa besingenayo engathi ayibalulekanga njengemisebe? Uthuli beluza kusiphazamisa ekuboneni, isiphumo soko isenokuba ngumonakalo onokwenzeka. Ilungu lebandla elibonakala ngokungathi "alibalulekanga" lililungu elifunekayo lomzimba kaKristu laye linesipho sikaMoya Oyingcwele. Xa sinikela ezi zipho ngokupheleleyo kuThixo, elowo nalowo kuthi unako ukwenza umahluko kanaphakade.

Nokuba italente yakho ingakanani, zeziphi izinto ongelochule kakhulu kuzo kodwa abangawo abanye ebandleni? Oku kungakunceda njani ukukugcina endaweni yakho efanelekileyo?

UThixo: Umniki Wezipho Zonke Ezilungileyo

Ngokwabase-1 Korinte 12:11, 18; Efese 4:7, 8; noYakobi 1:17, uThixo ungumqali wazo zonke izipho, saye "sonke isipho esigqibeleleyo" sivela kuYe. Ngoko ke, singaqiniseka ukuba uya kusinika izipho kanye zikaMoya Oyingcwele ezilunge kakhulu kuthi, kwaye eya kubusebenzisa kakuhle kakhulu ubuchule bethu ukuba busebenze emsebenzini waKhe ukuze kuzukiswe igama laKhe.

Funda: Marko 13:34 no-1 Korinte 12:11. Uzinika bani uThixo izipho zikaMoya?

IBhayibhile icacile. UThixo unomsebenzi okhethekileyo womntu ngamnye kuthi ekwabeleni nabanye ngegospile. Emzekelisweni kaYesu womninindlu owashiya indlu yakhe nezicaka zakhe waza wazicela ukuba ziyikhathalele, umninindlu unika abakhonzi bakhe umsebenzi owodwa (Marko 13:34). Kukho umsebenzi omele wonke umntu, kwaye uThixo unika izipho zikamoya kubo bonke ukuba bawufeze umsebenzi okanye ulungiselelo ababizelwe kulo. Xa sinikela ubomi bethu kuKristu, kuthi ngokubhaptizwa sebe ngamalungu omzimba waKhe, ibandla, uMoya Oyingcwele unika izipho ukuze sikwazi ukuwunceda umzimba nokuba singqine ehlabathini. Ngowe-1903, uEllen G. White wabhalela ileta umntu othile emkhuthaza ukuba asebenzise izipho uThixo amnike zona emsebenzini. "Sonke singamalungu osapho lukaThixo, sonke, ngokwemilinganiselo eyahlukeneyo, sigciniswe iitalente ezinikwe nguThixo, ukuze zisetyenziswe kumsebenzi esinomthwalo ngawo. Nokuba italente yethu inkulu okanye incinane, kufuneka siyisebenzise emsebenzini kaThixo, kwaye kufuneka silazi ilungelo lomntu ngamnye lokusebenzisa izipho azigcinisiweyo. "Akufuneki size siyigxeke neyona incinane inkunzi ngokomzimba, ubuchopho, okanye ngokwasemoyeni."—*Letter 260,* December 2, 1903.

Funda: IZenzo 10:36–38, Mateyu 3:16–18, neIZenzo 2:38–42. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngesithembiso sikaMoya Oyingcwele ekubhaptizweni?

Kanye njengoko uYesu wathanjiswa ngoMoya Oyingcwele ekubhaptizweni kwaKhe ukumlungiselela nokumxhobisela ngokupheleleyo umsebenzi waKhe emhlabeni, sonke ngabanye sithenjiswe uMoya Oyingcwele ekubhaptizweni kwethu. UThixo unga singanengqiniseko entle yokuba ulizalisile iLizwi laKhe wasinika izipho zikamoya ukuze sisikelele ibandla nehlabathi.

Injongo Yezipho ZikaMoya

Funda: 1 Korinte 12:7 noEfese 4:11–16. Kutheni uThixo enika izipho zikaMoya kwikholwa ngalinye? Zithini iinjongo zezo zipho?

Izipho zikamoya zisebenza iinjongo ezininzi. UThixo uzinika ukuze kukhuliswe komelezwe ibandla laKhe ukuze likwazi ukulufeza ulungiselelo lwaKhe. Zilungiselwe ukuphuhlisa ibandla elimanyeneyo elilungele ukufeza umsebenzi alithume wona ehlabathini. Ababhali beBhayibhile basinika imizekelo yezipho zikamoya athe uThixo wazinika ibandla, ezinjengokulungiselela, ukusebenza, ukushumayela, ukufundisa, ukukhuthaza, nokupha. Ikwathetha [iBhayibile] ngezipho zokubuka iindwendwe, inceba, ukusiza, nokonwaba, nje ezimbalwa. Ukuba ufuna uludwe olupheleleyo, funda: Roma 12 no-1 Korinte 12.

Unokuba uyamangala ukuba luyintoni ulwalamano phakathi kwezipho zikamoya neetalente zemvelo. Izipho zikamoya zizitalente zezulu ezinikwa nguMoya Oyingcwele kwikholwa ngalinye ukulixhobisela ulungiselelo olulodwa ebandleni nokusebenzela ihlabathi. Zisenako ukuquka iitalente zemvelo ezithe zabekelwa bucala nguMoya Oyingcwele ukuba zisetyenziselwe umsebenzi kaKristu.

“Izipho ezikhethekileyo zikaMoya asikuphela kweetalente ezimelwe emzekelisweni. Umzekeliso uquka zonke izipho neminikelo, nokuba zezemvelo okanye eziqeqeshelweyo, ezemvelo okanye ezikamoya. Zonke kufuneka zisetyenziswe emsebenzini kaKristu. Ekubeni ngabafundi, kufuneka sizinikele kuYe nako konke esikuko nesinako. Ezi zipho uzibuyisela kuthi zihlanjululwe zizukisiwe, ukuba zisetyenziselwe uzuko lwaKhe ngokusikelela abazalwana bethu.” —Ellen G. White, *Christ’s Object Lessons*, p. 328. Kanti ke, uThixo umisele izipho ezikhethekileyo njengesipho sokuprofeta, izikhundla ezithile ebandleni, eziquka ubafundisi, nabadala, abaziititshala phakathi emzimbeni kaKristu ukuba kondliwe kuxhotyiswe ilungu ngalinye lilungele ukusebenza (khangela kuEfese 4:11, 12). Umsebenzi wazo zonke iinkokeli zebandla kukunceda ilungu ngalinye ukuba liziphawule izipho zikamoya lize lifundiswe ukuzisebenzisa ezi zipho ukwakha umzimba kaKristu.

Zeziphi ezinye zeetalente zemvelo onokuba unazo ezinokuthi, nokuba ziluncedo okanye ziyintsikelelo ekuhlaleni ngokwaselizweni, zibenako ukuba yintsikelelo ebandleni?

Ukufumana [ukuqaphela] Izipho Zakho

Thelekisa u-1 Korinte 1:4–9 no-2 Korinte 1:20–22. Yintoni esiyixelelwa zezi ndawo zimbini ngezithembiso zikaThixo ngakumbi izipho zikamoya ngaphambi kokuza kukaKristu kwesibini?

_____

_____

UThixo uthembisa ukuba ibandla laKhe liya kubonakalalisa zonke izipho zikaMoya Oyingcwele kanye phambi kokuba ibuye iNkosi yethu. Izithembiso zaKhe ziqinisekile. Usinikile ubungqina bukaMoya Oyingcwele ezintliziyweni zethu ukuba asikhokelele ngabanye ekuziqondeni izipho asinike zona. NguThixo opha izipho ize ibe nguThixo, ngoMoya waKhe, ozityhilayo kuthi.

Funda: Luka 11:13, Yakobi 1:5, noMateyu 7:7. Xa sinqwenela ukuziqaphela izipho uThixo azinike elowo nalowo kuthi, usimema ukuba senze ntoni?

_____

_____

Sizamkela izipho zikaMoya xa sizinikela kuThixo size simcele ukuba azityhile kuthi izipho asinike zona. Xa iintliziyo zethu ziqongqothwe ukuzukisa umna ukuze okuhamba phambili kuthi ibe kukukhonza uYesu, uMoya waKhe uya kusichukumisa ngezipho zikaMoya asigcinele zona. “Kwafuneka ukuba bade abafundi babe nokholo bathandaze baza bazinikela ngokupheleleyo ukuba asebenze waza wathululwa bamamkela uMoya. Ngoko ke, ngendlela ekhethekileyo, iimpahla zasezulwini zanikelwa kubalandeli bakaKristu. . . . izipho sele zizezethu kuKristu, kodwa ukuba sibenazo ngokuthe nqo, kuxhomekeke ekwamkeleni kwethu uMoya kaThixo.”—Ellen G. White, *Christ’s Object Lessons*, p. 327. Izipho zikaMoya (bona ku-1 Kor. 12:4–6) zizimpawu uThixo asinika zona ukuze sikwazi ukumsebenzela kakuhle. Ulungiselelo luyindawo esingavelisa khona izipho zethu, kanti imisebenzi iziziganeko eziqinisekileyo ezisivumela ukuba sisisebenzise izipho zethu. Izipho zikaMoya azifiki zikhule ngokupheleleyo. Xa uMoya Oyingcwele ekubeka kuwe ukuba usebenze indawo ethile apha emsebenzini, thandaza ukuba akukhokelele kulungiselelo oluqinisekileyo ukuba usebenzise isipho sakho ngomsebenzi wokuvangela.

Zeziphi izipho zakho eziqinisekileyo kwaye, okubaluleke kakhulu, ungenza ntoni ukuze uzikhulise ezo zipho emsebenzini weNkosi?

_____

Ukukhulisa Izipho Zethu

Funda umzekeliso weetalente kuMateyu 25:14–30. Yeyiphi ingcinga ebaluleke kakhulu ethe qampu kuwe kweli bali? Kwakutheni ukuze abakhonzi ababini banconywe nguThixo aze owokugqibela agxekwe? Usixelela ntoni lo mzekeliso ngokusebenzisa kwethu iitalente zethu? Qaphela ngokukodwa uMateyu 25:29.

Inkosi yanika umkhonzi ngamnye ngokwe "sakhono sakhe" Mat. 25:15). Elowo wafumana umyinge owahlukileyo. Omnye wafumana iitalente ezintlanu, omnye zambini, waza omnye yanye. Elowo wayenokuzikhethela indlela yokuyonga okanye ukuzisebenzisa iitalente ababezinikiwe. Indawo ebalulekileyo apha yeyokuba oko babekunikiwe kwakungekuko okwabo. Kwakukokomnye umntu owabanika ukuba bakugcine.

Umdla wenkosi wawungekuko ukuba ngubani ofumene ngaphezulu okanye ngaphantsi kwiitalente. Wawungekuba zingaphi iitalente elowo azinikiweyo. Umdla wawukukuba elowo wenze ntoni ngoko akunikiweyo.

UPawulos uyibeka ngale ndlela ku-2 Korinte 8:12, "Kuba intumekelelo, ukuba selikho, yamkeleka kakuhle ngokoko asukuba enako umntu, kungabi ngokoko angenako." KuThixo, into ebalulekileyo asikukuba kungakanani onako, kodwa yinto oyenzayo ngoko unako.

UThixo wabancoma abakhonzi ababini bokuqala kuba babethembekile ekusebenziseni iitalente zabo. Iitalente zabo zanda ngokusetyenziswa. Yena umkhonzi "okhohlakeleyo" akazange azisebenzise iitalente inkosi eyayimnike zona, zaza azanda. Yinyaniso kanaphakade ukuba "Umthetho wokusebenza uba likhonkco eliqamangela thina kuThixo nakubazalwana bethu."—Ellen G. White, *Christ's Object Lessons*, p. 326. Umkhonzi ongathembekanga waligqugqisa ithuba lokukhonza wathi ekugqibeleni walahlekwa kukukhonza.

Xa sisebenzisa izipho uThixo asinike zona kuzuko lwegama laKhe, ziya kwanda, zinabe, zikhule. Ungaziqaphela njani izipho uThixo akunike zona? zithobe, ucele uThixo akutyhilele iindawo alangazelela ukuba uzisebenze kulungiselelo lwakho. Njengoko ekutyhilela, bandakanyeka. Izipho zakho ziya kukhula ngexesha uzisebenzisa, waye uya kufumana ukwaneliseka emsebenzini waKhe.

Cinga ngalo mzekeliso uwusebenzise kobakho ubomi. Uthini, ukuba ikho, kuwe ngoko ukwenzayo ngoko unikwe kona nguThixo? (Khumbula, yonke into onayo, nayo isisipho esivela kuThixo).

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Talents," pp. 325–365, in *Christ's Object Lessons*. Ukuyiqonda ngendlela eyiyo imfundiso yeBhayibhile ngezipho zikaMoya kuzisa ubunye ebandleni. Ukwazi ukuba umntu ngamnye kuthi ulilungu elixabisekileyo nelidingekayo lomzimba kaKristu, yingcamango eyenza kubekho ukumanyana. Lonke ilungu lebandla liyafuneka ekufezekisweni komsebenzi wokuthunywa nguKristu. Lonke ilungu liphiwe isakhono sokusebenza. "Wonke umntu unikwe umsebenzi amakawenzele iNkosi. Umkhonzi ngamnye waKhe unikwe izipho ezikhethekileyo, okanye iitalente. 'Wathi omnye wamnika iitalente zantlanu, omnye zambini, nomnye yabanye, walowo wanikwa ngokwawakhe amandla.' Umkhonzi ngamye unento agciniswe yona anoxanduva ngayo; kwaye izinto ezahlukeneyo ezigcinisiweyo zilinganiswe ngokwezakhono zethu ezahlukeneyo. Ekunikeni izipho zaKhe, uThixo akabanga namkhethe. Uzabe iitalente ngokwamandla awaziwayo abakhonzi baKhe, kwaye ulindele imbuyekezo ezihambelana [neetalente ezo]."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church,* vol. 2, p. 282. Khumbula kwakhona ukuba izipho zikaMoya zinikelwe uzuko lukaThixo ingelulo olwethu. UThixo wazinika ukuze ziphakamise igama laKhe nokuhambisela phambili umsebenzi waKhe.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Khaniqwalasele ingcamango yokuba umntu ngamnye ufumene izipho ezivela kuThixo. Zinto zini eziphathekayo ezithethwa koku ebandleni lenu lasekuhlaleni? Mahluko mni onokwenziwa yile ngcamango ekubandakanyeni ilungu ngalinye emsebenzini?

2. Yabelana namalungu eklasi yeSikolo SeSabatha yakho ngendlela izipho zelinye ilungu ezithe zakusikelela. Yabelana neklasi ngendlela owazibhaqa ngayo ezakho izipho zikaMoya. Ucinga ukuba zeziphi ezakho izipho, kwaye uzisebenzisa njani ukusikelela abanye?

3. Esi sifundo sibonise ukuba izipho zethu ziyakhula ngexa sizisebenzisa. Khangela emva kobakho ubomi. Unako na ukucinga ngezipho uThixo akunike zona ezithe zakhula ngexa uzisebenzisela ukuzukisa igama laKhe? Kwangelo xesha linye, zibuze umbuzo kwakhona, ekuxoxwe ngawo ekupheleni kwesifundo sangoLwesine, ngendlela othembeke ngayo ngoko uThixo akunike kona.